ISIMEMO SOTYUMBO:

UKONYULWA KWAMALUNGU AMATHATHU (3) KWIBHODI YEQUMRHU YOSASAZO YOMZANTSI AFRIKA (I-SABC)

Amaziko kunye/okanye abantu bayamenywa ukuba bonyule abantu bokuvala izithuba ezithathu (3) zamalungu angengawo awesigqeba kwiBhodi yeQumrhu loSasazo yoMzantsi Afrika, nto leyo ivele ngokurhoxa kukaNks Nomvuyiso Batyi kunye nokuyeka kukaNks Rachel Kalidass kunye noNks Febbe Potgieter-Gqubule, kwixesha elishiyekileyo lokusebenza kweBhodi ekhoyo ngoku njengoko kuchaziwe kwiCandelo le-13(8) loMthetho woSasazo, onguNombl 4 wowe-1999.

Iqumrhu loSasazo loMzantsi Afrika lamiselwa ngokoMthetho woSasazo (wowe-1936) njengeshishini likarhulumente ukuze livelise iinkonzo zosasazo zikanomathotholo nezikamabonakude eMzantsi Afrika.

Izinto ezifunekayo: Amalungu eBhodi, xa ejongwe ngokuhlangeneyo, kufuneka ibe ngabantu: • abakufaneleyo ukusebenza kwiBhodi ngokungqinwa ziziqinisekiso zemfundo, ubungcali kunye namava kwimisebenzi yomgaqo-nkqubo nobuchwephetshe bosasazo, umqathango wosasazo, umthetho wamajelo osasazo, ukusebenza kwezoshishino kunye nemali, urhwebo, ubuntatheli, ukonwabisa kunye nemfundo, imiba yentlalo neyomsebenzi • ozimisele ukungabi namkhethe, othetha ngokukhululekileyo, ilungelo lokuba kunikwe uluntu ulwazi, kunye nokuvuleleka nokuba noxanduva lokuphendula kwinxenye yabo babambe kwi-ofisi karhulumente • ukumela iqela elinabileyo labantu beRiphabhliki• abazinikeleyo kwiinjongo kunye nemimiselo njengoko zichaziwe kuMqulu weSABC • abangabemi abasisigxina baseMzantsi Afrika.

Utyumbo kufuneka lube negama elipheleleyo kunye nedilesi yeziko kunye/okanye umntu owenza utyumbo, into esayinwe ngumtyunjwa ebonakalisa ukwamkela ukutyunjwa kunye neCurriculum Vitae, enikezela ubuncinane ezi zinto zilandelayo: • Igama elipheleleyo, inombolo yeSazisi kunye nesini • Idilesi yoqhamshelwano, iinombolo zomnxeba nezefeksi kunye nedilesi ye-imeyili • Amava angaphambili (kuchazwe imihla kunye namaqumrhu owafumene kuwo) • Iikopi eziqinisekisiweyo zemfundo kunye nesazisi.

Utyumbo kunye nemibuzo kufuneka ithunyelwe kuNobhala weKomiti, uMnu Thembinkosi Ngoma, Portfolio Committee on Communications, 3rd Floor, 90 Plein Street, Cape Town, 8000 okanye zi-imeyilelwe ku-tngoma@parliament.gov.za okanye zifekselwe ku-0865225740. Imibuzo ngomnxeba ingenziwa ngokutsalela ku-(021) 403 3733.

Umhla wokuphelelwa kokufakwa kotyumbo: nguLwesihlanu, umhla we-15 kweyeSilimela 2018 nge-16:00. Nceda uqaphele ukuba xa kutyunjwa kuza kuqwalaselwa iziqinisekiso zemfundo kunye nogunyaziso lokufikelela kulwazi oluyimfihlo. Utyumbo olungene emva kwexesha aluzukuhoywa.

Sikhutshwe nguMnu CHM Maxegwana, iLungu lePalamente – uSihlalo: weKomiti eJongene neMicimbi yeSebe lezoNxibelelwano.

Parliament. Making Democracy Work.

www.ayandambanga.co.za ISOLEZWE ISIXHOSA 133157 www.thecandocompany.co.za